

## Ukulungiselela Njengo Yesu



---

### SABATHA EMVA KWEMINI

#### Fundela Isifundo sale Veki:

*Mat. 5:13, 14; Filipu 2:15; Marko 12:34; Efese 4:15; Mat. 4:23–25; Mat. 25:31–46.*

#### Indima Yenkumbulo:

“Wathi, akuzibona izihlwele, wasikwa yimfesane zizo, ngokuba zibe zityhafile, zichithakele ngokwezimvu ezingenamalusi” (Mateyu 9:36).

**U**Yesu wayekhathala ngokwenene ngabantu. Wayenomdla kakhulu kwezabo iinkathazo neentswelo kunezaKhe. Ubomi baKhe babuzinze ngokupheleleyo kwabanye abantu. Wayelulungiselelo lwemfesane enothando. Wahlangabezana neentswelo zasenyameni, ezengqondo, nezemvakalelo zabantu abamjikelezileyo, ngenxa yoko, iintliziyo zabo zavuleka ngakwiinyaniso awayezifundisa. Xa wayephilisa abaneqhenqa, evula amehlo angaboniyo, neendlebe ezisithulu, ehlangula abaneedemon, esondla abalambileyo, ekwakhathalela abasweleyo, iintliziyo zabo zachukumiseka baza ubomi baguquka.

Oko kwaba njalo kuba abantu bakubona ukukhathala kwaKhe ngenene, baza bavuleka ngakwiinyaniso awazifundisayo. “Indlela kaKristu yiyo kuphela eya kunika impumelelo yenene ekufikeleleni abantu. UMSindisi wayezixuba nabantu njengonolangazelelo lokulungelwa kwabo. Wabonisa uvelwano kubo, elungiselela kwiintswelo zabo, waza wakuzuza ukuba bamthembe. Wababiza wathi, ‘Ndilandeleni.’”— Ellen G. White, *The Ministry of Healing*, p. 143. UYesu wayeqonda ukuba ihlabathi lidinga umboniso kwanjengokuba lidinga ukuvakaliswa. Ubungqina obuphilileyo bobomi obufana nobukaKristu obunikelwe ekulungiseleleni kwabanye bubungqina kumazwi esiwathethayo buze bunike ukuba nokukholelwa kubungqina bethu.

*\*Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 22.*

## Inggondo KaYesu Ngasebantwini

UYesu usoloko ekhangela okulungileyo kwabanye. Wakhupha okona kulungileyo kubo. Esinye sezigxeko esazinazo iinkokeli zenkolo zemihla yaKhe sasisithi “wamkela aboni, adle nabo” (Luka 15:2). Zaye zikhathazekile kuba wayenolwalamano nabantu “abangahloneli Thixo.” Imbono yazo yenkolo yayiyokwenza ikheswa kunokusebenzisa. Zazimangaliswa xa uYesu athi ngaYe, “kuba andize kubiza malungisa, ndize kubiza aboni ukuba baguquke” (Mat. 9:13). Inkolo yababhali, nabaFarisi, nabaSadusi yayiyinkolo yokubeka bucala. Babecinga ngelithi, “Yenza konke onako ukuphepha ukungcoliswa sisono.” Imfundiso kaYesu yayahluke kakhulu. Wangena kulo mngxuma wenyoka yehlabathi ukuze ayihlangule, angayiphaphi. Yena “ulukhanyiso lwehlabathi” (Yohane 8:12).

**Funda: Mateyu 5:13, 14. Ziziboniso ezibini ezinjani uYesu awazisebenzisayo ukuchaza abalandeli baKhe? Ucinga ukuba kwakutheni ukuze asebenzise ezo ziboniso zikhethekileyo? Khangela nakuYohane 1:9, Yohane 12:46, Filipu 2:15.**

Ityuwa yayiyenye yezinto ezibalulekileyo kwilizwe lakudala. Yayinexabiso elikhulu kakhulu, kude kuthi maxa wambi imikhosi yaseRoma iyisebenzise njengemali. Yayingumfuziselo wobutyebi obukhulu. Yayikwasetyenziselwa ukugcina nokunika isongo sokutya. Xa uYesu wayesebenzisa umzekelo wetyuwa ukufuzisela abalandeli baKhe, okuyinyaniso wayesithi ubutyebi benyaniso behlabathi asingabantu behlabathi abazezona zityebi. Ubutyebi benyaniso behlabathi ngamaKristu azinikeleyo awenza umahluko ngenxa yobukumkani bukaThixo. Izenzo zabo zothando zenkonzo engenamona zigcina ukulunga kwehlabathi zinike isongo umoya walo. Umzekelo wesibini awawusebenzisayo uYesu (kuMateyu 5:14) wawungowo “kukhanya kwehlabathi.” Ukukhanya akubuphephi ubumnyama. Buyakhanya ebumnyameni. Abuzahluli kubumnyama. Kuyagqobhoza ebumnyameni, bubenze ubumnyama kukhanye. Abalandeli bakaYesu kufuneka bagqobhoze ebumnyameni beli hlabathi kubumelwane babo, kwiilali, iidolophu, nezixeko ukuba bazikhanyise ngobuqaqawuli bukaThixo.

**Emva kokuphawula amazwi kaYohane 17:15–18, kufuneka siyiqonde njani ingcamango yokuzahlula ehlabathini nokuliphapha ihlabathi? Ingaba oko kuyinto efanayo? Wayethetha ntoni uYesu xa wayethandazela ukuba abalandeli baKhe babe sehlabathini kodwa bangabi ngabehlabathi? Sikwenza njani oko?**

## Ukuphatha Kuka Yesu Abantu

Ungomo kaYesu wawungowokukhupha okona kulungileyo ebantwini. Naxa iimeko zazithanda ukunika imingeni engaqhelekanga, wayesa kusabela ngenceba. IVangeli kaLuka ibhala ixela ukuba izihlewele “[za]mangaliswa ngamazwi amnandi aphuma emlonyeni wakhe” (Luka 4:22), ibe iVangeli kaYohane isongeza isithi, “Iwabakho lona ubabalo nenyano ngoYesu Kristu” (Yohane 1:17). Indlela yokubangena kwaKhe abantu yayibatheza amandla. Ubabalo lwamazwi aKhe lwaluchukumisa iintambo ezisabelayo kwiintliziyi zabo.

**Funda: Mateyu 8:5–10 noMarko 12:34. Lithini ithemba elalizalise amazwi awawathethayo uYesu kubantu ababini ababengalindelekanga, umthetheli-khulu waseRoma nombhali ongumYuda?**

---

Intetho kaKristu umphathi womkhosi waseRoma yayinovukelo. Cinga ngendlela eli gosa lomsebenzi oligosa lomkhosi anokuba waziva ngayo xa uYesu esithi eli nqanaba lokholo akalifumananga nakwaIsrayeli. Cinga kwakhona ngeengcinga zombhali womYuda xa UYesu wathi, “akukude ebukumkanini bukaThixo.” UYesu wayenabo ubuchule bokurhutya okona kulungileyo ebantwini. Zimbalwa izinto ezihamba ziyokufika njengesincomo ukuba zivule iintliziyi kungene igospile. Khangela okuhle ebantwini abakungqongileyo wenze bazi ukuba ubaxabisile.

**Thelekisa uIsaya 42:3; Kolose 4:5,6; noEfese 4:15. Ithini imithetho-siseko ebalulekileyo esiyifundiswa zezi ndima ngokwabelana ngenkolo nabanye nangobudlelane kunye nabo?**

---

Xa amazwi ethu ekhuthaza aze ekwazaliswe yinceba, anempembelelo entle ebomini babanye. Amazwi obuprofeti kaIsaya atyhila ukuba uYesu wayengayi “kuyaphula ingcongolo evikivekileyo” okanye wayengayi “kuwucima umsonto oqhumayo.” Ngamanye amazwi, uYesu wayenemfesane kangangokuba wayekulumkele ukuba angamophuli ngokungafanelekanga umntu owayesiza nje ngokholo okanye acime nelona lahlana lincinane lokholo ezintliziyweni zabo.

**Kutheni le nto indlela esiyithetha ngayo into ibaluleke ngokufanayo okanye ngaphezulu kwento esiyithethayo? Uphendula njani kule ntetho: “Inyaniso yinyaniso; abantu kufuneka bayamkele okanye bayiyeke”? Yintoni engalunganga ngale ntetho?**

# Ulungiselelo Luka Yesu Lokuphilisa: 1

Indlela yokuvangela yeNkosi yethu yayidlula ngaphaya kweentetho ezifundwe ngentloko nezifakwe ezinkonkxeni; ityebile yaye inamandla ngokobomi ngokwabo. Yonke imihla sigudlana ngamagxa nabantu abaneentlobo ngeentlobo zezidingo: ezomzimba, ezengqondo, ezemvakalelo, nezasemoyeni. UKristu unga angahlangabezana nezo zidingo xa thina sibonisa ukukhathazeka ngobulolo babantu, ngosizi, nokuqhekeka kwentloko, naxa sibonisa umdla kuvuyo lwabo, kumathemba namaphupha abo. UYesu wayelungiselela kubantu ababesiva izidingo ukuze akwazi ekugqibeleni ukuhlangabezana nezona zinzulu izidingo zabo. Isidingo esiviwayo yindawo yobomi apho abantu sele besiva ukuba abakwazi ukuyisombulula ngokwabo inkohla leyo. Kusenokuba sisidingo sokufuna ukuyeka ukutshaya, ukuthoba isixa sokutya, ukufuna indlu, okanye inkathalelo yokunyangwa. Kusenokuba sisidingo soluleko emtshatweni okanye elusatsheni.

Isidingo sokugqibela, phofu, sesi uluntu lusidinga kakhulu—ubudlelane bomntu noThixo kunye nokuqonda ukuba ubomi babo bubalulekile ephakadeni. Uxolelaniso noThixo kwilizwe eliqhelekileyo sesona sidingo sinaso.

**Funda amabali, elwayenedumbe kuMateyu 9:1–7 nentokazi eyayinethombo legazi kuMarko 5:25–34. Zintoni esinazo kuwo omabini la mabali ezibonisa ukuba uYesu wahlanganisa ukuphilisa kwasemzimbeni nesona sidingo sikhulu esikukuxolelaniswa noThixo?**

---

---

---

Ulungiselelo lukaKristu lokuphilisa lwakuhlanganisa ngaphezulu kakhulu kunokuphilisa umzimba nezimvo. UYesu wayenga abantu bangafumana ukuphelela okwachithwa kukwaphulwa sisono. KuKristu, ukuphiliswa kwasemzimbeni ngaphandle kokwasemoyeni kwakungaphelelanga. Ukuba uthando lukaThixo lusikhuthazela ukuba silangazelele ukuphila komntu komzimba nokwezimvo, luya kusikhuthaza ngaphezulu ukuba sinqwenele ukuphiliswa kwakhe ngokwasemoyeni ukuze akwazi ukuphila ubomi obuzeleyo apha nakunaphakade wonke. Ngapha koko, wonke umntu owaphiliswa nguYesu ekugqibeleni wafa, akunjalo?

**Zinto zini elinokuzenza ibandla lethu ekuhlaleni ukuhlangabezana nezidingo zabantu nokubonisa ukuba ngokwenene siyakhathala ngabo? Cinga ngabantu ekuhlaleni kwako. Yintoni eyenziwa libandla lakho ukwenza umahluko ebomini babantu?**

## Ulungiselelo Luka Yesu Lokuphilisa: 2

**Funda: Mateyu 4:23–25 noMateyu 9:35. Kukufikelela okuntlantlu-ntathu okunjani okwakusisiseko solungiselelo lukaYesu? Wahlangabezana njani nezidingo zabantu, kwaza oko kwanagalelo lini ebomini babo?**

---

UYesu wahlanganisa ulungiselelo oluntlantlu-ntathu: ukufundisa, ukushumayela, nokuphilisa. Wabelana nemithetho -siseko engunaphakade ukuze sonke sikwazi ukuphila ubomi obunentsingiselo nenjongo. Wathi, “Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo ngokugqithiseleyo” (Yohane 10:10). Ulungiselelo lwaKhe lwayihlala imfumba yobabalo lwaKhe. UYesu weza ukuze sikwazi nathi ukuphila “imfumba” ngoku nangonaphakade.

**Funda: Marko 1:32–39. UYesu wayechitha imini yonke ephilisa abagulayo ekhupha iidemon. Emva kokuchitha ixesha emthandazweni, ngentsasa elandelayo, xa izihlwele zazifuna ukuphilisa okungaphezulu, wahamba waya kwesinye isixeko. Kwakutheni ukuze angaziphilisi? Qaphela esaKhe isizathu kwindima yama-38 nama-39.**

---

Eli bali linentyilelo enkulu. Emva kokuphilisa inkitha ngemini eyayingaphambili, ngemini elandelayo uYesu wazishiya izihlwele, ezazifuna nezisenesidingo sokuphiliswa. Inkcazo yaKhe yeyokuba injongo awayezele yona ehlabathini yayikukushumayela iindaba ezilungileyo. UYesu wayengenguye umntu nje wokwenza imimangaliso. WayenguNyana ongcwele kaThixo oweza ngomsebenzi wokuhlangula [esonweni]. Wayenganeliswanga kukuphilisa nje izifo zasenyameni. Wayelangazelela ukuba abantu bafumane isipho esibubomi obungunaphakade awayenaso ukuba abaphe. Wayibeka yacaca injongo yaKhe yokuza emhlabeni kula mazwi: “Kuba uNyana woMntu weza kufuna nokusindisa oko kulahlekileyo” (Luka 19:10). Isenzo ngasinye sokuphilisa sasilithuba lokuveza isimilo sikaThixo, ukukhulula kwindlungu, nokunika ithuba lobomi obungunaphakade.

**Ingaba ungakwazi ukuphila ubomi obuzeleyo abunikayo uYesu xa uthwaxwa bubuhlwempu okanye ukugula? Ingaba uYesu wabanika abantu into enzulu kunokuphila kwasenyameni? Zingaba zeziphi iindlela eziphathekayo esingathi ngazo sibakhokelele abantu kwiinyaniso zasemoyeni xa silungiselela kwizidingo zabo zomzimba novakalelo?**

## Eyona nto Ibalulekileyo KuYesu

Isigidimi sikaYesu kubafundi baKhe kuMateyu 24 esihlanganisa iziganeko ezingokutshatyalaliswa kweYerusalem nemihla ephambi kokubuya kwaKhe silandelwa yimizekeliso emithathu engexesha lokuphela kuMateyu 25. Le mizekeliso yandlala iimpawu zesimilo ezibaluleke ngokwenene kuYesu kubantu abalindele ukuza kwaKhe kwesibini. Umzekeliso wentombi ezilishumi ucinezela ukubaluleka kobomi obuyinene, obuyinyaniso, obuzaliswe nguMoya. Umzekeliso wetalente ezilishumi ucinezela ukubaluleka kokusebenzisa ngokuthembeka izipho uThixo azinike umntu ngamnye kuthi. Umzekeliso weegusha neebhokhwe uveza ukuba ubuKristu benene bulungiselela ngokwenyaniso kwabo uThixo abazisa ebomini bethu ntsuku zonke.

**Funda: Mateyu 25:31–46. UYesu ubuchaza njani ubuKristu benene? Dwelisa iindawo zolu lungiselelo ithetha ngalo le ndawo?**

---



---

Nangona lo mzekeliso uthetha ngokuhlangabezana nezidingo zabantu ezizizo zasenyameni-umba ekungafuneki siwutyeshela apha ebalini-kusenokwenzeka ukuba kukho okungaphezulu apha. Kukho ukulambela nokunxanelwa uYesu okufihlakeleyo kwimiphefumlo yabantu enga inganeliswa (Yohane 6:35, Yohane 4:13, 14). Sisonke singabaphambukeli abalangazelela ikhaya side siyifumane eyona nto siyiyo kuKristu. (Efese 2:12, 13, 19). Sihamba ze ngokwasemoyeni side sambathiswe ngobulungisa baKhe (IsiTyh. 3:18; IsiTyh. 19:7, 8).

ITestamente eNdala ikholisa ukuyichaza imeko yomntu njengegula ngokungenathemba (Isa. 1:5, Jer. 30:12–15). Isifo sesono siyabulala, kodwa umprofeti usalathisa kumathunga. “Ngokuba ndiya kukubopha, ndiyipholise imivumbo yakho, utsho uYehova” (Yer. 30:17). UYesu ungumathunga kwizifo zomphefumlo ezibulalayo. Umzekeliso weegusha neebhokhwe usiyalela ukuba sincede kwizidingo zasenyameni ezisijikelezileyo, kodwa uyadlula apho. Libali likaKristu ohlangabezana nezona zidingo zinzulu zomphefumlo, kwaye sisimemo saKhe ukuba sihlangane kunye naYe ekulungiseleleni kwabo basijikelezileyo. Ukuphila ubomi bokuzijonga thina nokutyeshela izidingo zasenyameni, nezengqondo, nezovakalelo, nezasemoyeni zabanye abantu kukuzibeka emngciphekweni wokulahleka ngonaphakade. Emzekelisweni, abo banikela ubomi babo ngento engaphezulu kunabo bayanconywa yiNkosi yabo baze bamkelelwe kunaphakade, lo gama begxekwa yiNkosi yabo abo bathi, ngomona, basukelane nezabo izinto babe bengazihoyi izidingo zabanye.

**Ingcamango Eyongeziweyo:**

“Abaninzi abanalo ukholo kuThixo kwaye bakulahlele ukuthemba umntu. Phofu, bayayincoma imisebenzi yemfesane nokuba luncedo. Bathi xa bebona umntu esiza emakhayeni abo, engatyhalwa zizincomo zehlabathi okanye ejonge imbuyekezo, elungiselela kwabagulayo, esondla abalambileyo, esambathisa abaze, ethuthuzela abalusizi, aze, ngothando, abalathise bonke kuLowo athunywe nguYe. Yena uthando novelwano lulolwaKhe-xa bekubona oku, ziyachukumiseka iintliziyi zabo. Kukhula umbulelo. Ukholo luyaqala. Bambona uThixo ekhathala ngabo, baze bakulungele ukuliphulaphula iLizwi xa lityhilwa.” -Ellen G. White, *The Ministry of Healing*, p. 145. Ulungiselelo lukaYesu olungasekeleze nzuzo luvula iintliziyi, ludilize intiyo, ludale ukwamkeleka kweendaba ezilungileyo. Ibandla lingumzimba kaKristu ohlangabezana nezidingo ngothando kuyo yonke indawo. UKristu uthuma thina kubantu ukuba senze umahluko egameni laKhe. Nangona ngokuqinisekileyo, sidinga ukuba silumke ngokungcoliswa lihlabathi (kwaye oko kuyinyaniso nengozi enokwenzeka ebandleni lethu), kusafuneka sikufundile ukufikelela ebantwini apho bakhoyo nokusetyenziswa nguThixo, ofuna sibasuse apho bakhoyo sibazise apho bamelwe kukubakhona.

**Imibuzo Yokuxoxwa:**

1. Kutheni le nto ulungiselelo lukaKristu olunemfesane lunamandla okudiliza intiyo nobakuvula abantu ukuba bazive iinyaniso zikaMoya? Khawuzame nje ukucinga ukuba kunganempumelelo kakhulu kangakanani ukungqina kwethu singabantu xa besinokubonakalalisa inkathalo enye yokuzilibala okukhathala ngabanye njengoko wenjenjalo uYesu.
2. Cinga ngexesha owakha wathetha into enokuba yayiyinyaniso, ilungile, neyayingeka-kodwa wayithetha ngendlela engeyiyo, oko kukuthi, ngemvakalozwi engalungileyo okanye ngomoya ombi. Yintoni owayifundayo kuloo mava enokukunceda ukuba ungaze uphinde kwakhona, njengokulinda ude uphole phambi kokuba uthethe, okanye into enjalo?
3. Gxila ngakumbi kwincamango yokuba nabo bonke abantu abaphiliswayo okanye abavuswa kwabafuleyo ekugqibeleni baza kufa. Oko kusixelela ntoni ngendlela esimele ukuba silwenza njani uvangelo nolungiselelo kwabo sijikelezwe ngabo?
4. Zeziphi iintlobo zolungiselelo ezinokuqalwa libandla lakho ekuhlaleni eningazenziyo ngoku?
5. Singabenzela njani amathuba asemoyeni abo bafunayo ngamaphulo wethu okulungiselela anyanisekileyo?